

Imephu yendlela yoBomi



Ubulumko busendleleni yobomi
bemihla ngemihla!

Roadmap for Life

First digital edition 2024

Bible text: The Bible in isiXhosa 1996 Translation

© Bible Society of South Africa 1996, 2024

All rights reserved. No part of this book may, without prior written permission of the copyright holder, be reproduced or transmitted in any form or by any means, electronic, mechanical or otherwise, either through photocopying, writing, audio recording, or any other system for information storage and retrieval.

Published by the Bible Society of South Africa, P O Box 5500, Tyger Valley 7536, Bellville

www.biblesociety.co.za

Epub-format ISBN 978-0-7982-2582-3

Mobi-format ISBN 978-0-7982-2583-0

PDF-format ISBN 978-0-7982-2581-6

Ubulumko busendleleni yobomi bemihla ngemihla!

Yonke imihla yohambo lwakho ebomini yenziwe ngamanyathelo amancinci, nje ngokushiya ikhaya okokuqala kuba utshintsha umsebenzi, okanye utshata nomntu omthanda kakhulu, okanye usiya kukhulisa usapho lwakho. Konke oku kwenzeka ukwizingqi ongayiqhelanga kwaye udibana nabantu abasuka kumasiko ahlukileyo nakwiindawo ngeendawo zokusebenza. Ungahamba urhintyeleka uzibhaqele sele uphuma endleleni ngokulula ngethuba utshintsha imisebenzi, abahlobo, kwakunye neemeko zoxinzelelo esizibhaqa sikuzo ebomini. Umngeni ngowokuba ubambebele kukholo lwakho ngokuqinisekileyo nangendlela enentsingiselo. NgeBhayibhile esiSalathisi (GPS) kwindlela yakho, qiniseka ukuba usendleleni efanelekileyo. Khangela ulungelelwano lwendlela ofuna ukuyihamba kwincwadi yeNdumiso.

NguNdikhoyo okhokelela umntu kwindlela amakahambe ngayo; nguye omenza akholeke kuye. Nokuba uwile, uyavuka, kuba nguNdikhoyo omthundezayo.

INdumiso 37:23-24

Undicondobisa kuhle njengexala, ndichankathe emaweni ndingatyibiliki.

INdumiso 18:33

Anehlo am ndiwajongis' enkalweni; yaz'ba lovela ngaphi na uncedo lwam?

Umncedi wam nguNdikhoyo, yena ungumenzi wamazulu nehlabathi.

Yena wondibamba lungatyibiliki unyawo lwam; kaloku akozeli, walusa mna.

Khangela, umalusi kaSirayeli akozeli, engalali nokulala oku. Kaloku nguNdikhoyo okwalusayo – nguye okwenzela umthunzi.

Emini ilanga aliyi kukugqatsa; kanti ke nenyanga ebusuku ayinakukwenza nto.

*NguNdikhoyo ixhadi lakho lakubhek' umoya; ewe, uya
kukwalusa ungachukunyiswa nto.
Ngenene, uNdikhoyo uya kukwalusa, xa uhambayo naxa
ubuyayo, kuqalela ngoku kude kube nini-nini.* **INdumiso 121**

Bethelela ubugcisa bokukhetha okufanelekileyo

Nokuba sele uzifumana uphi na kuhambo lwakho, uya kujongana nezigqibo zokuziphatha. Uza kujongana neenkolo ezingqubanayo, kwaneendlela zokuphila ezahlukileyo. Ngelixa ezinye iimeko kucaca gca ukuba zilungile okanye azilunganga, iimeko ezizamana kakhulu nokholo lwakho aziyi kucaca ngokuthe gca. Ukugcina amehlo akho ejonge kuThixo kuya kukunceda uyifumane indlela yakho kweli hlabathi.

*Hayi inyhweba yomntu ongahambiyo ngecebo
labantw' abagwenxa, ongahambiyo ekhondweni
amatshijolo, umnt' ongadlelaniyo nabaphoxisayo.
Lowo wonwatyiswa yimiyalelo kaNdikhoyo, ayetyise emini
nasebusuku.
Unjengomth' otyalwe ngasemijelweni yamanzi, umth' ovelisa
iziqhamo ngexesha leziqhamo, umth' omagqabi angasoz'
abune. Ewe, konk' akwenzayo umnt' onjalo kuyaphumelela.*

INdumiso 1:1-3

*Kunikele kuNdikhoyo konke okwenzayo, yaye ke yena uya
kuziphumelelisa izicwangciso zakho.* **IZafobe 16:3**

Xa usoyika

Kuyinto emnandi ukuhamba ebomini wonwabele inkululeko yakho namathuba okukukhulisa. Ngelixa iyinto elungileyo le, uloyiko lokungalungelelanisi izinto, ungaphumeleli ukufika kwiinjongo zakho, ukuziqhelanisa kwiingingqi ezingaqhelekanga kuwe okanye ukungafunwa ngabanye,

kungakubangela unxunguphalo ngeendlela ezininzi. UThixo uyakuqonda ukungaqiniseki kwakho, aze ayenze ingqondo yakho ikhululeke, esebenzisa iBhayibhile.

“Ngoko ke ndinawe, sukoyika; ndinguThixo wakho, sukuphakuzela. Ndiza kukomeleza ndikusize, amandla am asindisayo akuxhase akukhusele.”

Ulsaya 41:10

Thembela kubulungisa bukaThixo

Kodwa zona izibele zakho, Ndikhoyo, ziye kuthi gaa ngamazulu, nentembeko yakho yaya kuthi ngqu ngamafu Ukulunga kwakho akugungqi, kunjengentaba; zinzulu njengolwandle zona izigqibo zakho. Uyabanakekela abantu nezilo, wena Ndikhoyo.

Hayi izibele zakho, Thixo, ebantwini! Oonyana babantu bazimela phantsi kwephiko lakho.

Baxhamla intlutha yendlu yakho; ubaseze kumlambo wokulunga kwakho.

Wena ulithende lobomi; ngokhanyiso lwakho sibona ukukhanya.

INdumiso 36:5-9

Namathela kwimigangatho yakho

Zama ukulandela icebiso elingezantsi ukuzigcina ungakulahlanga ukukhalipha xa uhlangana nemingeni.

Fumana “iLizwi” lakho lemihla ngemihla

Qala imini nganye ngelizwi likaThixo ngelixa unxibelelana naye ngomthandazo ngayo yonke imini. Le kuphela kwendlela yokugcina izinto eziphambili kuwe ngokuhambelana noko ukholelwa kuko.

Khawundisekele ngokwesithembiso sakho, ungandiyekeli ndonganyelwe bububi.

INdumiso 119:133

Awu, Thixo, ndizimisele ngokupheleleyo; ewe ngenene, andithandabuzi; ndiza kumemelela nditsholozel' Ndosuka ndiqubul' ihapu nekatala; ewe, ndovuka xa kumpondo zankomo. Ndiya kukuncoma phakathi kweentlanga, Ndikhoyo; ewe, ndokudumisa naphakathi kwezizwe. Izibele zakho zibalasele ezulwini; ukuthembeka kwakho kurhec' amafu.

INdumiso 108:1-4

Yima uthi nkqo ngento okholelwa kuyo

Kukho intetho ethi: Ukuba akuyithandi indlela endizenza ngayo izinto, ndinabo abanye! Kananjalo indlela ozijonga ngayo izinto iye itshintsha ngokuhamba kwexesha. Kodwa kukho iinkolelo ezithile ezihlala zinjalo, zingatshintshi.

Lungaziphatha kanjani ulutsha ukuze ihambo yalo ibe nyulu? Ngokuthobela ilizwi lakho. Ndizimisele ukukulandela ngokupheleleyo; ndinceda ndingaze ndizidele iziyalo zakho. Ndihamba ngokomlomo wakho, khon' ukuze ndingoni.

INdumiso 119:9-11

Musa ukuvuma ukudelwa ngabantu ngenxa yokuba usemncinci. Yiba ngumzekelo kuwo onke amakholwa, ngentetho yakho, ngokuziphatha, ngothando, ngentembeko, nangobunyulu.

1 kuTimoti 4:12

Yenza amazwi akho abe lingqina lakho

Xa umntu egxeka oko ukholelwa kuko, musa ukoyika ukuyimela into yakho. Ngaxeshanye, yiba nobuchule bokudlulisa intetho xa ubhekisa kubantu benkolo eyahlukileyo kweyakho.

Yilumkeleni indlela eniziphatha ngayo phambi kwabo bangakholwayo, nilisebenzise kakuhle ithuba eninalo. Incoko yenu mayisoloko imnandi, inika umdla. Fundani ukucebisana kakuhle nomntu ngamnye enidibana naye.

KwabaseKolose 4:5-6

Beka izinto ezibalulekileyo kuwe ngokulungileyo

Gqiba ukuba yintoni ekufuneka yenzeke namhlanje, yibhale phantsi ukuba kungakunceda oko, qala ngeziphambili ukuze usebenze uqala phezulu kolo luhlu! Ukuba into ayikwazeki ukuba yenzeke ngaloo mini, musa ukuyifaka kuluhlu! Kwaye ukuba uyaziva ukuba awukuthandi ukwenza uluhlu, zama ubuncinane bokuba usebenza ujonge kwisakhelo esibanzi, esiza kukubonisa icala oya ngakulo.

“Musani ke ukuxhala, nisithi: ‘Sodla ntoni na; sosela ntoni na; sonxiba ntoni na?’ Zezi zinto kanye abahlala besukelana nazo abangakholwayo beentlanga. Ke yena uYihlo osezulwini uyazi ukuba ezo zinto zonke ziyimfuneko kuni. Ke ngoko kuqala zondelelani ukulawulwa nguThixo, nenze ubulungisa obufunwa nguye, waye ke yena eya kunongezelela zonke ezi zinto.”

UMatewu 6:31-33

Zonwabise ngokululamela uNdikhoyo; wokunika umnqweno wentliziyo yakho.

INdumiso 37:4

Ziqeqeshe

Qinisekisa ukuba uyaziqeqesha. Ukuba awenzi njalo, akakho umntu oza kuyenza loo nto – noThixo ngokwakhe!

Isiseko sobulumko kukuthobela uNdikhoyo, kambe ke zona izityhakala zibujongele phantsi ubulumko nengqeqesho.

IZafobe 1:7

masiyilahle ke yonke into enokusibambezela, ingakumbi isono, kuba sona siyarhintyela. Masingene kolu gqatso luphambi kwethu sizimisele. Amehlo ethu makathi ntsho kuYesu; kaloku síxhomekeke kuye isiqalo ndawonye nekamva lokholo lwethu.

KumaHebhre 12:1b-2a

Xhumana noThixo imihla ngemihla

Kukuphela kwendlela yokugcina ubomi bakho ububeka phambili, nokuzibiza ngobuKrestu, konke kudibene. Hlaziya umphefumlo wakho ngamazwi kaThixo ngelixa unxibelelana naye ngomthandazo imihla ngemihla.

Kuve ukukhala kwam, kumkani wam, Thixo wam, xa ndithandazayo kuwe.

Uyawuva umthandazo wam, Ndikhoyo, kwakusasa kwakusasa ndizibika kuwe, ndilinde impendulo.

INdumiso 5:2-3

Nxulumana nabantu bakaThixo

Ubukumkani buka Thixo lusapho apho sonke omnye efuna omnye. Fumana indawo yokukhonza ngokukhawuleza ube yinxalenye yeemfundiso zayo. Ukukhonza namanye amaKrestu kungakunceda uhlale womelele. Ukuya enkonzweni ubuncinane kanye ngeveki kungakunceda kukugcine uhamba ngokuthe ngqo kwizinto ozenzayo.

Ziphakamiseleni esibingelelweni izandla zenu, nimbonge nimncome uNdikhoyo.

INdumiso 134:2

Mombeleni uNdikhoyo, nonke hlabathi!

Mnquleni uNdikhoyo nivuya, nize kuye nisombela iingom' ezimyoli!

Yazin' ukuba uNdikhoyo nguThixo; nguye owasidalayo, yaye singabakhe, singabantu bakhe, singumhlambi wakhe.

Ngenani nibulela emasangweni akhe; ngenani ngeendumiso endlwini yakhe; mbuleleni, nidumise igama lakhe!

Kaloku lilunga uNdikhoyo; izibele zakhe ziya kuhlala zihleli, ahlale ethembekile kude kube nini-nini.

INdumiso 100

Yiba soloko ukufuphi kubantu abadala kunawe

Bangaba “badala” kodwa kudala “bekho kwaye bazenzile izinto ezininzi.” Yamkele into yokuba bayakuthanda kwaye bafuna okona kulungileyo kuwe. Ngaphezulu, uya kulufuna uncedo lwabo namacebiso abo kubo bonke ubomi bakho.

Mfo wam, sukuyilibala imfundiso yam, koko mayihlale ihleli imiyalelo yam engqondweni yakho.

Kaloku imfundiso yam iya kukongezela imihla emininzi, ikwandisele iminyaka noxolo.

Ungaze wahlukane nentembeko nokunyaniseka. Maxa onke ezi zinto mazibe sisivatho entanyeni yakho. Ewe, zikrole elucwecweni lwentliziyo yakho.

Ukuba uyayenza ke loo nto uya kuhlala wamkelekile, ube negama elihle kuThixo nasebantwini.

IZafobe 3:1-4

Yiphulaphuleni, bonyana, ingqeqesho kayihlo; yigqaleni, khon’ ukuze nizuze ukuqonda.

Ndininika eyona mfundiso iyiyo, ngoko ke musani ukuwutyeshela umyalelo wam.

Ngokuya ndandiseyinkwenkwana katata, ndiselula, ndinguyedwa kamama,

utata wayendiyala athi: “Wazikise engqondweni yakho amazwi am, ungayilibali imiyalelo yam; yigcine imithetho yam, uphile.

Thabatha, nabu ubulumko, nantsi ingqiqo! Ungaze wahlukane okanye ushenxe kumazwi omlomo wam!”

Ewe, ndithi zicezele iindlela zabo, ungahambi ngazo. Shenxa kuzo, uhambe uzigqithe.

IZafobe 4:1-5;13

Uthini umbono wam nezinto endizixabisileyo?

Ukuba sifuna ukuba njengoKrestu, njengoko esibongoza ukuba sibe njalo, izinto esizixabisileyo ziza kubonakala kwindlela esiphila ngayo. Ekugqibeleni izinto esizixabisileyo nesikholelwa kuzo azilulo uluhlu lwezinto ekufanele uzenze nezo mawungazenzi. Kukuzama ukuba njengoKrestu kuko konke esikwenzayo.

UKrestu njengomzekelo wam

Nokuba ukholelwa kwintoni na kwaye nokuba ulandela bani na, oko kuya kuzibumba iinkolo zakho, izinto ozixabisileyo nesimo. Njengamakholwa, izinto esizixabisileyo zihamba kunye nentobeko kuKrestu. Bunjwa ngokomfanekiso kaKrestu – hayi owabalingane bakho, abazali, abo usebenza nabo, okanye inkcubeko ophila nohlala kuyo.

“Yini na ukuba nithi kum: ‘Nkosi, Nkosil!’ kanti noko anikwenzi endikuthethayo? Ke wonke umntu ozayo kum, aweve amazwi am awenze, ufana nomntu owayesakha indlu, waza wemba ngokunzulu, wenza isiseko samatye.”

ULuka 6:46-48a

“Ndim umdiliya; nina ningamasebe. Ohlala emanyene nam, ndibe mna ndihleli ndimanyene naye, uya kuvelisa iziqhamo ezininzi. Kaloku aninakwenza nento le nahlukene nam.”

UYohane 15:5

Musani ke ukuthatha isimilo sabantu beli phakade, kodwa iingqondo zenu maziguquke zihlaziyeke, nize niyivume intando kaThixo, yona ilungileyo, ikholekileyo, igqibeleleyo.

KwabaseRoma 12:2

Inyaniso ibalulekile

Ukuba uKrestu yiNyaniso, oko kuthetha ukuthi ukuxoka nokungathembeki kuya kwahlula noKrestu. Ukuthembeka kuhamba nokulandela kumanyathelo kaYesu, kuba akanakuxoka Yena. Ukufunda ukuba ungenza njani na ukuze uthembeke nangaphezulu kuya kukunceda kukugcine unesazela esicocekileyo.

Waphendula uYesu wathi: “Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi.”

UYohane 14:6a

“Othembekileyo kokuncinane, uthembekile nakokukhulu; nongathembekanga kokuncinane, akathembekanga nakokukhulu.”

ULuka 16:10

“Ukuba nithe nazingisa ukuhlala nisenza oko ndinifundisileyo, niya kuba ngabafundi bam benene. Niya kuyiqonda ke inyaniso; yaye inyaniso iya kunenza nikhululeke.”

UYohane 8:31b-32

Ixabiso lobuKrestu ngaphantsi nje kweqhekeza

Okona ucacelwa ngento okholelwa kuyo, kokona kuba lula ukwenza izinto eziphambili kuwe zihambelane nqo noko ukuxabisileyo. UPawulos ushwankathela enjenje xa ethetha ngemo yobomi bomKrestu, oko ekusekele kwiimfundiso zikaKrestu:

- Uthando malungabi naluhanahaniso.
- Yithiyeni inkohlakalo; bambelelani kokulungileyo.
- Thandanani ngokwabazalanayo. Shiyiselanani ngokwenzelana imbeko.
- Zondelelani ningatyhafi. Yibani nefuthe loMoya. Yikhonzeni iNkosi.
- Vuyani, ninethemba nje, ninyamezele ezimbandezelweni zenu, nithandaze ningayeki.
- Ziboneleleni iintswelo zamakholwa, nizikhathaze ngokubuka iindwendwe.
- Basikeleleni abanitshutshisayo; sikelelani, ningaqalekisi.
- Vuyani nabavuyayo, nilile nabalilayo. Yibani moya mnye.
- Musani ukusukela amawonga; yaneliswani kukuzithoba.
- Musani ukuzicingela ukuba niziingqondi.
- Musani ukubuyekeza ububi ngobubi.
- Zimiseleni ukwenza okulungileyo phambi kwabantu bonke.
- Yenzani unako-nako ukuhlalisana ngoxolo nabantu bonke.

KwabaseRoma 12:9-18

Uthini umba wemiThetho eliShumi?

Imithetho emine yokuqala isikhokela ukuba simthande njani na uThixo, ize emithandathu isikhokele ukuba sibathande njani na abanye abantu.

UYesu uthetha ebhekisa kwimithetho emininzi, aze aqaqambise indlela esebenza kwintshumayelo yakhe. Akakugxeki nje kuphela ukubulala, uyabayalela abalandeli bakhe ukuba baqaphele ukuba umsindo ongasonjululwanga ungabatshabalalisa abanye. Akalukhabi nje ukrexezo, uyabethelela kubalandeli bakhe ukuba babe nyulu engqondweni nasentliziyweni.

“Nivile ukuba kwathiwa kubantu bakudala: ‘Uze ungabulali;’ kusithiwa: ‘Othe wabulala usisisulu somgwebo.’ Ke mna ndithi kuni, wonke umntu osuka amqumbele uwabo usisisulu somgwebo ... Ke othi: ‘Siyathandini,’ usisisulu sesihogo somlilo.”

UMatewu 5:21-22a,c

“Ukuba niyandithanda noyigcina imiyalelo yam.” **UYohane 14:15**

Ubomi NGUMMANGALISO!

Ubomi bufutshane ngoko ke yenza kangangoko ukuba ubonwabele ngokudala iinkumbulo oya kukwazi ukuphinda ubuyele kuzo kwixesha elizayo, ngaphandle kokuzisola. Lumkela imeko yonyana wolahleko. Wayexhinele ukumka kowabo wangena kuhlobo olutsha lokuzibophelela, kanti kungona amosha izinto kakhulu.

“Umntu othile wayenoonyana ababini. Yathi ke inci kuyise: ‘Bawo, ndinike isabelo sempahla eliilungelo lam.’ Wababela ke impahla leyo. Kwathi, kungekabi ntsuku zingaphi, inci yathatha konke okwayo, yemka kwelakowayo, yaya ezweni elikude, yaza yathi khona apho yayichitha impahla yayo ngokungakhathali.”

ULuka 15:11b-13

Wena mntu osemntsha, yonwaba ngethuba lobutsha bakho, intliziyo yakho ichwayite lo gama uselula. Yenze loo nto isentliziyweni yakho, nditsho leyo ibonwa ngamehlo akho, kambe ke ukhumbule ukuba uza kuziphendulela enkundleni kaThixo ngayo yonke into oyenzileyo.

Ngoko ke ligxothe ixhala entliziyweni yakho, ukuphephe okunokwenzakalisa umzimba wakho. Kaloku ubutsha namandla awo ngamampunge. **AMava eNgqondi 11:9-10**

Yiba ngumKrestu ONOMAPHLUKO

Okokuthetha ukuthi yenza ukuba izinto ozenzayo nozithethayo zihambelane noko ukholelwa kuko. Ukuba siba njengoKrestu, izinto esizixabisileyo nesikholelwa kuzo aziphelile nje ekubeni zifane noluhlu lwezinto endiza kuzenza nezo mandingazeni. Kukufana noKrestu kuyo yonke into esiyenzayo.

Ningabantu bakaThixo abanyuliweyo abathandiweyo nina, abakhe ngenkqu. Ngoko ke nxibani ezifanele abakhe: inceba, ububele, ukuthobeka, ubulali, nomonde. Nyamezelanani, nixolelane. Ukuba omnye ukhalazela omnye xolelanani kwanjengokuba nayo iNkosi yanixolelayo. Ngaphezu kwazo zonke ezi zinto yongezani uthando, lona lubopha izinto zonke zibe yimbumba egqibeleleyo.

KwabaseKolose 3:12-14

Yazi into ongenakuyamkela

Ifuthe labalingane lisoloko lingenelela xa uphakathi kwabantu abangoontanga bakho, okanye xa ukwingingqi entsha kwaye uzama kangangoko ukuba ude wamkeleke kubo. Ukumana ujonga inyaniso rhoqo malunga nokuba ungubani na wena kwaye umele ntoni na oko kuya kukunceda ungaphumi endleleni. Khumbula intetho yabadala: "Ukuba akuyazi into oyifunayo, uya kuwela nayiphina into."

Njengoko ke ningabantwana bakaThixo abaziintanda, fuzani yena. Hlalani nithandana kanye ngale ndlela wanithanda ngayo uKrestu. Yena wazincama ngenxa yenu, wazenza umnikelo nedini elivumba limnandi kuThixo. Nanjengoko nilusapho lukaThixo, makungakhankanywa phakathi kwenu ukurheletya nako konke ukungcola nokunyoluka. Izinto ezinjengokuthetha krwada, nokulavuzwa, neentetho ezingcolileyo, azinto zinifaneleyo konke. Nifanelwe kukuhlala nibulela uThixo nina endaweni yezi zinto. Yiqondeni kakuhle into yokuba akukho mntu urheletyayo, nongcolileyo, nosisinyolunyolu, uya kubuxhamla ubuncwane bokulawulwa nguKrestu nanguThixo. Kaloku ukunyoluka yenye indlela yokunqula izithixo.

Kwabase-Efese 5:1-5

Musani ukunxila butywala obunonakalisayo. Ndaweni yaloo nto phuphumani nguMoya oyiNgcwele ...

Kwabase-Efese 5:18

Ngoko ke, nimanywe neNkosi nje, yonwabani! Ewe, ndiyaphinda ndithi vuyani! Bazeleleleni bonke abantu. INkosi isemnyango. Sanukuba naxhala; kodwa iintswelo zenu ziseni kuThixo ngomthandazo, nimbongoze ninombulelo. Ke lona uxolo lukaThixo olungaphaya kokuqonda luya kuzalusa iintliziyi neengcinga zenu ningahlukani noKrestu. Mandiphethe ngelithi, mawethu, hlalani nicinga ngezinto eziyinyaniso nezindilekileyo nazo zonke izinto ezilungileyo nezinyulu, zonke ezithandekayo nezinesidima, nangezinto ezintle ngokupheleleyo kwanezincomekayo. Zenzeni zonke izinto enazivayo nezo nazibonela kum, amazwi kwanezenzo. Ke uThixo onika uxolo uya kuba nani.

KwabaseFilipi 4:4-9

Yiba ngumenzi wokulungileyo

Yenza ukholo lwakho lube yinyani ngokuthi ube likholwa elisebenzayo. Zinikezele ube livolontiya kwikhitshi lesuphu okanye ube yinxalenye yeprojekthi yabahlali. Usenokuba kukukhanya okuqaqambileyo kubahlobo bakho kwindawo enihlala kuyo okanye emsebenzini ngendlela okhathala ngayo.

“Makukhanye ngokukwanjalo ukukhanya kwenu phambi kwabantu, ukuze bayibone imisebenzi yenu elungileyo, bamdumise uYihlo osezulwini.”

UMatewu 5:16

Bantwana bam, uthando lwethu malungabi lolomlomo nje kuphela, koko malube lolungahanahaniyo, lubonakaliswa ngezenzo.

1 kaYohane 3:18

Masingadinwa ke kukwenza okulungileyo. Kuba xa sizingisa, lode lifike ixesha lokuvuna. Ngoko ke masisebenzele ukulungelwa komntu wonke, ngalo lonke ixesha esinethuba ngalo, ngokukodwa usapho lwamakholwa.

KumaGalati 6:9-10

Nantso ke into ebonakalisa ukuba singabenyaniso, yaye asinasazela phambi koThixo.

1 kaYohane 3:19

Uthando luyamangalisa!

Siyathanda ukukholelwa ukuba uthando lulo olwenza ihlabathi lijikeleze. Uthando olunyanisekileyo luyamangalisa, lwenza kakhulu lubonakale phandle. KwiNgoma yeeNgoma sifunda senjenje:

Lent' uthando lunamandla nqwa nokufa; ikhwele lalo aliqheliseli oku kwengcwaba. Ludangazela ngathi lidangatye, luvuthe ngathi ngumliokazi.

Alungecinywa nangamanzi; alukhukuliseki naziimpuphuma. Xa unokulithenga ngobutyebi bonke bendlu yakho ungasuka ube sisigculelo.

UNCuthu lweNgoma 8:6b-7

Ngubani oyakuze aluqonde ulwimi lwababini abathandana kakhulu:

Njengenyibiba phakathi kwameva sinjalo isithandwa sam phakathi kweentombi. Umtshakazi

Njengomthi weepile ehlathini sinjalo isithandwa sam phakathi kwabafana.

UNCuthu lweNgoma 2:2-3a

Kwaye nombhali omdala onobulumko weMizekeliso, ngabo bonke ubulumko anabo akazange akwazi ukuwuqonda umangaliso wothando.

Kukho izinto ezintathu eziyintsonkotha kum; gxebe, zine endingaziqondiyo:

ukubhabha kokhozi esibhakabhakeni; ukurhubuluza kwenyoka elulwalweni; ukuhamba kwenqanawa enzulwini yolwandle; ukuthandana komfana nentombi.

IZafobe 30:18-19

Isondo – umba ochukumisayo

Isondo ngumba okwiingqondo ezihlangeneyo zabantu abaninzi. Kuncinci kakhulu okusinqandayo ukuba singabelani ngesondo, nokuba kukubudlelwane obuzinzileyo, obexesha elide okanye namaqabane alandelelanayo. NjengomKrestu, kufuneka ucace gca ukuba umi phi na wena kulo mba. IBhayibhile inika izikhokelo ezithe ngqo malunga nokuziphatha

kakubi. Kanti kwayona iBhayibile ithetha phandle ngokuthe gca malunga nomtsalane oqaphelekayo phakathi kwabantu ababini abaseluthandweni. Qiniseka ukuba uyafunda kwiNgoma yazo lingoma, incwadi yonke yombongo iphakamisa uthando:

Ewe, uyithimbile intliziyo yam; nditsho wena, mtshakazi wam, dad' ethu. Ngenene intliziyo yam uyibile ngokundithi krwaqu kanye ngaloo mehlo akho, nangomxokelelwane nje omnye entanyeni yakho.

UNCuthu lweNgoma 4:9

Isithandwa sam yinzwana ekomelela; songama nakwishumi lamawaka.

UNCuthu lweNgoma 5:10

Nangona kunjalo, njengazo zonke izinto ezintle ebomini, ikho imeko ethile ehamba nalo mba:

Anazi na ukuba imizimba yenu yindlu kaMoya oyiNgcwele, ahlala kuyo, evela kuThixo? Kaloku aningobenu; ningabakaThixo owanithenga ngexabiso elikhulu. Mdumiseni ke uThixo ngemizimba yenu.

1 kwabaseKorinte 6:19-20

Nabani na ozicingela ukuba umile makalumke angawi. Nasiphi na isilingo esikuhlelayo siyinto eqhelekileyo emntwini. Yena ke uThixo, ngokuba ethembekile, akayi kukuyekela ulingwe ngokungaphezu kwamandla akho. Hayi, wosuka akuvulele ikroba lokuphuncula, ukuze ube nako ukunyamezela.

1 kwabaseKorinte 10:12-13

Khumbula imigibe

Akukho sizathu sokuba namphi na umntu onengqondo enomlinganiselo ofanelekileyo wengqiqo aboyike ubomi. Kodwa zilumkele izinto ezinokukuhlutha ukonwaba kwakho nobumsulwa bakho.

Imifanekiso yamanyala – intsholongwane ebulalayo

Imifanekiso yamanyala kudala yabakho, de ifaniswe nomntu, kodwa ngenxa yeendlela zonxibelelwano lwale mihla inwenwe yada yaba kwisigaba sokuba kungabi sabakho namnye ongcwele kwaye nabona bamsulwa phakathi badyobhekile. IBhayibhile ayiwaxubi amazwi ayo xa igxeka ukuhenyuzwa.

Ke wona umzimba asingowokurheletya, ngoweNkosi; nayo iNkosi yeyomzimba. UThixo ke owayivusayo kwabafileyo iNkosi, uya kusivusa nathi ngamandla akhe.

Kucezeleni ukurheletya. Ezinye izono umntu anokuzenza aziwungcolisi umzimba, kodwa yena umrheletyi wona umzimba wakhe.

1 kwabaseKorinte 6:13b-14,18

... masizenze sibe nyulu emzimbeni nasemphefumleni, sibe ngcwele ngokuhlala simoyika uThixo.

2 kwabaseKorinte 7:1b

Phucuka “ngesiyobisi nokusela”

Ayikho into esisiyobisi esiphucukileyo okanye utywala obuphucukileyo, ngaphandle kwale uyixelelwa ziintengiso zoomabonakude. Babhanxa nabona bantu bakrelekrele. Kwaye ukusela utywala nokusebenzisa iziyobisi kusuke kwayinto ehamba nayo yonke imicimbi yolonwabo. Vuma ukuba basenokubakho abantu kwalapha kubahlobo bakho abakurhangqileyo, abo sebenza nabo, okanye kusapho lwakho, abasela utywala okanye basebenzise iziyobisi. Yamkele into yokuba bazikhethele ukwenza njalo kwaye nawe uzikhethele eyakho indlela yokuphila. Khetha ukuba usoloko urhangqwe ngabantu abanako ukonwaba ngaphandle kokusebenzisa iziyobisi notywala, ukuze bazive bonwabile.

Ukunxila asiyonto intle!

IBhayibhile isoloko ithetha ngeziphumo zokusetyenziswa kakubi kotywala ezifanayo nqo nezo zokusetyenziswa kakubi kweziyobisi. Umbhali weMizekeliso uyalumkisa athi:

Iwayini ngumgxeki; utywala yingxolo; umntu ohexiswa bubo akanabo ubulumko.

IZafobe 20:1

Nguwuphi umntu osezintsizini nonesingqala, osoloko esezingxwaba-ngxwabeni ekhalaza; nditsho ofumana enzakale nje ngelize, umntu ongafik' etyofu-tyofu amehlo? Lowo ke ngulo mntu ungafika ejikelezana newayini, esoloko ezingelana newayini exutyiweyo.

Inkangeleko ebomvu yewayini mayingakukhangisi, noba ingade imenyezele endebeni – ewe, nditsho seyinambitheka, isihla kamnandi!

Ekugqibeleni iwayini iluma njengenyoka, ibinza njengerhamba. Ikutsho ubone izinto ezingekhoyo, ushwaqe ubhude yonk' into. Ewe, ikutsho ube ngathi uphakathi elwandle, ube ngathi ujinga epalini ebamba iseyile yesikhephe.

Uya kubuza uthi: "Ingathi ndibethiwe nje phofu? Hayi suka, ndingakhange ndive nje! Akwaba bendinganako ukuphinda ndiphakame, khe ndithi nje intwana ndiziqabule!"

IZafobe 23:29-35

Ubulolo kunye nokuba wedwa

Kukho amaxesha ebomini bethu apho siziva singamalolo okanye sisodwa. Nangona kunjalo, oku kusenokuba nezizathu ezibonakalayo, ezinje ngokuba ube neengxaki zobudlelwane neqabane lakho okanye ushiywe ngumntu omthandayo. Akukhathaliseki nokuba ungakanani na, ubulolo bungaba yingxaki enkulu kuba akusoloko kulula ukufumana iqela labantu abaneengqondo ezifanayo nezakho nonokonwaba nabo. UKrestu, kuba eyiqonda imeko yobulolo nokulahlwa ngabantu, waba ngathi ungomnye wethu.

UYohane wabhala:

ULizwi ke waba ngumntu, waza wahlala phakathi kwethu. Sabubukela ubungangamsha bakhe awabunikwa nguYise, njengoko ekukuphela koNyana wakhe; ubungangamsha ke obuphuphuma ububele nenyano.

UYohane 1:14

UMdumisi wasoloko ebiza kuThixo ngethuba lobulolo nokunxunguphala.

Buyela kum, Ndikhoyo, undenzele inceba; kaloku ndilikheswa, ndixhwalekile.

INdumiso 25:16

Musa ukusifulathela isicaka sakho. Ndibandezelekile; nceda undiphendule.

Sondela undisindise; ndikhulule ezintshabeni zam.

Ndathemba ukukhuzwa, kodwa nya! Nokuthuthuzelwa andakufumana.

INdumiso 69:17-18,20b

Xa ufikelele ekubeni ube nomoya osezantsi

Ukuziva ulilolo kuyafika kube kudlule ebomini. Nangona kunjalo, xa soloko uziva ulilolo okokoko oko kungaba luphawu lwesigulo sokudakumba. Kwakuba njalo ke kufuneka uthethe ngale meko, nokuba kukusapho lwakho, umhlobo okanye umcebisi ufumane uncedo.

UKrestu, owayesoloko ekwiimeko zokuzifumanisa eshiyeke yedwa enxunguphele, unayo indawo yakho entliziyweni yakhe:

“Yizani kum, nina nonke nisindwayo, nibulalekayo; ndoniphumza. Ngenani edyokhweni yam, nifunde kum, kuba mna ndilulamile, ndingontliziyo ithobekileyo. Nothi ke nizifumanele ukuphumla iintliziyo zenu, kuba idyokhwe yam ayityabuli, nomthwalo wam ulula.”

UMatewu 11:28-30

Joyina iqela leziFundo zeBhayibhile

Le yeyona ndlela ikhawulezileyo yokuhlangana nabantu oziva ukhululekile xa uhleli nabo. Ukuba akulifumani iqela labantu olingana nabo, zama ukuhlanganisa iqela lezifundo zeBhayibhile. Xhoma iflaya enkulu yokwazisa oku kwingingqi yakho, evenkileni okanye kwindawo osebenza kuyo, uyakumangaliswa kukufumana iimpendulo ezinolangazelelo kulo mba.

“Kananjalo ndithi kuni, ukuba ababini kuni bathe bavana emhlabeni nangayiphi na indawo abanesicelo ngayo, baya kuyenzelwa nguBawo osezulwini.”

UMatewu 18:19

Cwangcisa kwakhona indawo oya kuyo

Ukuba uyaziva ukuba uyalahlekwa yindlela yakho, musa ukoyika ukucela imithandazo okanye inkuthazo komnye umKrestu ohamba naye. Thetha nomfundisi wakho ucele icebo.

Ngokuya ndandibindekile, ndikhathazekile entliziyweni, ndandingaqondi, ndisisidenge; ndandiziphethe njengesilwanyana.

Kambe ke ndisoloko ndikuwe; undithe chu ngesandla. Ewe, wena uyandithundeza; kamva ke wondamkelela ewongeni.

INdumiso 73:21-24

Imfundiso yesilumko ngumthombo wobomi, kuba umntu imhlangula kwizabatha zokufa.

IZafobe 13:14

Musa ukulibala ukuzama ukuziphucula rhoqo!

Ukufunda izinto ezintsha yinto efunekayo kubo nabuphi ubomi ophila kubo. Izisombululo zayizolo aziyiyo impendulo kwimiba yanamhlanje. Kwangokufanayo, ukholo lwakho kufuneka lukhule kunye nawe. Ukukhula ke kufumaneka ngokufunda nokuva ilizwi ilizwi lika Thixo, kwanokufunda nokuthandaza namanye amakholwa.

Wonke umntu osezwa ubisi lusana; akakwazi okuhle nokubi. Ngabantu abadala abatya ukutya okuqinileyo; bona sebenamava, bayawazi umahluko phakathi kokuhle nokubi.

KumaHebhere 5:13-14

... Sibe ngabantu abakhule bagqibelela, silingane noKrestu ogqibeleleyo. Ngoku ke asisengobantwana abafane bakhukuliseke ngamaza, baphephetheke nayiyiphi na imimoya yeemfundiso zabakhohlisi abalahlekisa abantu ngobuqhetseba.

Kwabase-Efese 4:13b-14

Ukuhlala uzimilisele iingcambu zakho kwilizwi kuya kukunceda uhlale unyanisekile kubukholwa bakho. Xa ujongene nengxaki yokuziphatha, ukulazi ilizwi kuya kukunceda uthathe izigqibo ezihambelana nenkolo yakho yobuKrestu.

Babehlangana rhoqo, bedlelana ngokuphulaphula iimfundiso zabathunywa, nangokuqhekeza isonka, nangokuthandaza.

UMsebenzi wabaThunywa 2:42

Fikelela kwiphupha lakho

Uhambo lomntu ngamnye lunezinto ezimbalwa azikhethileyo zobomi ezibalulekileyo kuye neziya kugqiba ngempumelelo yakhe okanye ukusilela. Ungaqiniseka njani ukuba okukhethayo kuya kuba kokulungileyo?

Nayiphi na into eniyenzayo yenzeni ngomxhelo ngokungathi niyenzela iNkosi, aniyenzeli bantu. Ze nikhumbule ukuba iNkosi iya kunivuzwa ngelifa eligcinele abantu bayo. Kaloku uKrestu yeyona Nkosi nikhonza yona.

KwabaseKolose 3:23-24

Asikuko nokuba ndithi sendiphumelele, okanye sendigqibelele, nto nje ndihlala ndixhinele phambili, ndizabalazela ukuba kubekho lutho ndiluzuzayo, kuba nam ndazuzwa nguKrestu Yesu. Hayi, mawethu, andizibaleli ekuthini sendizuzile, nto nje nantsi into endiyenzayo: ndithi ndizilibala izinto esezigqithile, nditsazele kwezo zingaphambili, ndixhinele entanjeni, ukuze ndilizuze ibhaso laphezulu asifunza kulo uThixo ngoYesu Krestu.

KwabaseFilipi 3:12-14

Fumana izipho zakho

Sonke siyafuna ukuba nezinto esizenzayo ebomini bethu, ezisenza sizive siba khulu. Umntu wonke unezibabalo azinikwe nguThixo, iimpawu okanye ubuchule obumenza angafani nabanye. Kungoko kubalulekile ukuba uzibhaqe iziphiwo neetalente onazo ezizezakho wedwa.

Masizisebenzise ke iziphiwo ezahlukeneyo esababalwa ngazo nguThixo. Ukuba sinesiphiwo sokuvakalisa ilizwi elivela kuThixo, masilivakalise ngokokholo esinalo. Ukuba sinesiphiwo sokukhonza abanye, masizingise ekukhonzeni. Ukuba sinesiphiwo sokufundisa, masifundise kangangoko sinako. Ukuba sinesiphiwo sokukhuthaza, masiqine ekukhuthazeni. Ongumabi makazabe izipho ngesisa. Owongameleyo makongamele ngenzondelelo. Owenza inceba makayenze echwayitile.

KwabaseRoma 12:6-8

UKrestu sisiphiwo sikaThixo kuwe

ULizwi ke waba ngumntu, waza wahlala phakathi kwethu. Sabubukela ubungangamsha bakhe awabunikwa nguYise, njengoko ekukuphela koNyana wakhe; ubungangamsha ke obuphuphuma ububele nenyano.

UYohane 1:14

Kaloku uThixo ihlabathi ulithande kangangokuba ude wancama uNyana okuphela kwakhe, ukuze wonke umntu ozinikele kuye ngokupheleleyod angatshabalali, koko abe nobona bomi bungenasiphelo. Kuba kaloku uThixo akamthumanga uNyana wakhe ehlabathini ukuze aligwebe, koko wamthuma ukuze abe nguMsindisi walo.

UYohane 3:16-17

Ke yena uThixo ukuqondakalisile ukusithanda kwakhe ngokuthi uKrestu asifele sisengaboni!

KwabaseRoma 5:8

Sikhululwe sazixolelwa izono zethu ngegazi likaKrestu. Siyaphuphuma kuthi isisa asenzele sona uThixo ngokusazelelela.

Kwabase-Efese 1:7-8

Kodwa ngoku uThixo udale ubuhlobo phakathi kwakhe nani ngokuphalala kwegazi likaKrestu, ukuze anisondeze ningabantu abanyuliweyo, ningenasiphako, nimsulwa phambi kwakhe.

KwabaseKolose 1:22

Yenza umthandazo ube yinto oyithetha rhoqo

Umthandazo ligazi kubomi benkolo yakho. Wenza usoloko ukhumbula ubungcwele obukuwe nobukho bukaThixo kuyo yonke into oyenzayo. Umthandazo ubaluleke njengo kuphefumla. Ukugcina usoloko unonxibelelwano nobukho bukaThixo obusinika ubomi.

Kwathi ngaloo mihla uYesu waphuma, wasinga entabeni, esiya kuthandaza. Wachitha ubusuku bonke ezibika kuThixo.

ULuka 6:12

Thetha noMdali wakho

Ngamanye amaxesha apha kwindlela yakho, uzibhaqa unombuzo ngezinye izinto ozifundiswe ngabazali bakho, abahlobo nabanye abantu ababe nenxaxheba ebomini bakho. Yigcine engqondweni into yokuba uThixo uyakuhlala elawula ebomini bakho.

“Kaloku zisekuhleni kum izicwangciso zam ngani zokuba ndininike intlala-kahle ingabi bububi, ndinidalele ikamva nethemba.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Nokhalela kum, nize kundithandaza, ndize mna ndiniphulaphule. Nondifuna nindifumane, xa nindifuna ngomxhelo wonke.”

UJeremiya 29:11-13

Asazi ke kwabo bazifihlayo – kunyembelekile kwabafihlela uNdikhoyo iinjongo zabo, kwabo benza izinto ebumnyameni, besithi: “Ngubani oya kusibona? Ngubani oya kusazi?” linto zonke bona bayazibhukuqa: kukho udongwe nombumbi – yiyphi eyona-yona? Into ebunjiweyo ingamsola na umbumbi isithi: “Andenziwanga nguye”? Udongwe lungatsho na kumxonkxi ukuthi: “Awunangqiqo”?

Ulsaya 29:15-16

Umthandazo yincoko noThixo ophilayo

*Ndiphendule ndakukhala kuwe, Thixo, mlondoloz
wamalungelo am! Wandikhulula embandezelweni yam; yiba
nenceba ke ngoko, uwuve umthandazo wam. **INdumiso 4:1***

Umthandazo ukugcina ungasenzi isono

*“Lindani nithandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni. Intliziyo
yona okunene inentumekelelo, ke wona umzimba ubuthathaka.”*

UMatewu 26:41

Ukuthandaza nabanye abantu kuthetha ukuba uhamba
nabantu abalungileyo.

*“Kuba apho bathe bahlangana khona egameni lam ababini
nokuba ngabathathu, nam ndikho phakathi kwabo.”*

UMatewu 18:20

Umthandazo ukunika amandla ngamaxesha obunzima

*Ndathi ndakukhala kuwe wandiphendula kangokuba
ndatsho ndomelezeka.*

INdumiso 138:3

Umthandazo awufuni thethwa-thethwano

*Nakuba ke uDaniyeli wayeve ukuba lo mthetho ubhaliwe
wapapashwa, usuke wagoduka, wafika wangena kwigumbi lendlu
yakhe eliphezulu elalineefestile ezikhangele eJerusalem, waza ke
waguqa ngamadolo wathandaza ebulela kuThixo wakhe kathathu
ngemini njengoko wayeqhele ukwenjenjalo.*

UDaniyeli 6:10

Uxolelo luza ngemithandazo

*Awu, Thixo, ndiyatarhuzisa! Ngenxa yezibele zothando lwakho,
nobubanzi benceba yakho, nceda uzicime iziphoso zam!
Ndihlambe ndahlukane nabo bonke ububi; ndenze ndibe
nyulu, ndingabi nasono!*

UDumiso 51:1-2

Umthandazo wamaxesha onke noya kuhlala uhleli

Amaxesha amaninzi sisoloko singenawo amazwi okuthandaza okanye singakwazi ukuthandaza. UThixo wasinika umthandazo obalulekileyo nowagcinileyo amaKrestu kuyo yonke le minyaka kude kube namhlanje.

*“Bawo wethu osezulwini:
Malaziwe lihlonelwe igama lakho,
malongame ulawulo lwakho,
makwenziwe ukuthanda kwakho, emhlabeni njengasezulwini.
Sibonelele kwiintswelo zethu zemihla ngemihla;
usixolele amatyala ethu,
njengokuba nathi sibaxolela abasonayo;
ungasiyekeli ekulingweni,
koko sihlangule kumtyholi;
[kuba ngenene nguwe olawulayo,
namandla ngawakho, nodumo, kude kube ngunaphakade!
Amen.]”*

UMatewu 6:9-13

IBhayibhile – incwadi yakho yokusebenza kubomi bakho bonke!

Izigidi zamaKrestu kulo lonke ihlabathi zikholelwa ukuba iBhayibhile liLizwi likaThixo. Bayifunda rhoqo, bayifundise, bayiqaphele njengesikhokelo sobomi babo.

KwiINdumiso 119:105 uMdumisi uthi:

Ilizwi lakho sisibane sendlela yam; liyandikhanyisela eluhambeni.

UmPostile uPawulos uyalingqina ixabiso leziBhalo kubomi bethu:

Kaloku zonke izinto eziseziBhalweni zabhalelwa ukusifundisa, khon' ukuze sihlale sihleli sinethemba ngonyamezelo nenkuthazo esizifumana kuzo iziBhalo.

KwabaseRoma 15:4

IBhayibhile ithetha nawe

IBhayibhile ayinje ngencwadi yomyalelo okanye iwebhusayithi enika iimpindulo ezithe gca nezisombululo esele zilungele imibuzo neengxaki ezininzi. Le ncwadi ithetha nawe xa ukulungele ukuva iLizwi likaThixo kwaye ulenze libe yinxalenye yobomi bakho bemihla ngemihla.

Ilizwi likaThixo liyaphila, liyasebenza. Libukhali ngaphezu kwekrele elibazwe macala. Lihlabanisela liye kuthi xhokro embindini, phakathi komzimba nomphfumlo, nasekudibaneni kwamathambo nomongo. Liyazihluzela lizicalu-calula iingcamango neminqweno yabantu.

KumaHebhere 4:12

IBhayibhile yi GPS yakho

Iquka uluhlu olubanzi lwemiba, iziganeko neemeko eziyinyani zobomi esibuphilayo, nabahlangana nazo abafundi bayo namhlanje. Uninzi lwale mibuzo iphendulwa ngendlela yokunika imizekelo, icebiso nesiyalo, kwanokunika imiyalelo ethe ngqo.

Ukuba, ngamanye amaxesha, kubonakala ngathi asikho isiBhalo esinokusetyenziswa kumba othile, isoloko ikho imigaqo embaxa enokusetyenziswa njengezikhokelo, umzekelo umthetho wokuqala kwelishumi, "Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam," awubhekisi koonodoli ababunjweyo kuphela, koko kuyo nayiphina into onayo onokuyithanda ngaphezu koThixo.

IBhayibhile ifana nesipili

Le asiyoncwadi onokuthetha nayo kuphela ngethemba lokufumana uncedo; yincwadi esinika ithuba lokuba sizazi ukuba singoobani, sifunde nokumazi uThixo, njengoko amakholwa ayesenza njalo kwakwimihla yakudala.

Ekugqibeleni, ukukholelwa kumyalelo weBhayibhile, nokuyenza ibe yinxalenye yobomi bakho, ngumba ohamba nokholo. Yenza iBhayibhile ibe yinxalenye "yokuphuma nokungena kwakho" ngokukhangela ezi ziBhalo zilandelayo uze uzigcine kwi "khompyutha" ekuhlени, ukuze zibonakale msinya xa ufuna icebiso, inkuthazo nokudla komphefumlo okukhawulezileyo.

IBhayibhile – incwadi yakho yokusebenza kubomi bakho bonke!

Uhambo olungasokuze lulibaleke!

Qiniseka ukuba uyazikhangela ezi vesi zilandelayo. Oko kunokuba sisiqalo samava anguMangaliso, angazange abonwa kweli hlabathi, noMdali wakho nisazi ukuba:

Siyazi ke ukuba kuyo yonke imeko uThixo ubenzela okulungileyo abo bamthandayo, ababizwe ngokwenjongo yakhe.

KwabaseRoma 8:28

IBhayibhile isibonisa oko kufunwa lihlabathi

<i>Ukholo</i>	Marko 9:23; 11:22
<i>Ukuyaniseka</i>	Yak 1:12-15
<i>Uxolelo</i>	Ndum 32:1-5; Mat 18:21-22; 1 Yoh 1:9; Col 3:13
<i>Ubulungisa</i>	1 Pet 3:8-17
<i>Ukonwaba</i>	Mava 7:14; Zaf 15:13; Ndum 118:24
<i>Ukuphilisa</i>	Luka 4:18-19
<i>Ithemba</i>	Ndum 119:114; Roma 15:13
<i>Ukuthobeka</i>	1 Pet 5:5-6
<i>Uvuyo</i>	Jer 31:13; 1 Tes 5:16
<i>Yonwaba njalo</i>	1 Tes 5:16
<i>Uthando</i>	1 Kor 13
<i>Uthando omnye komnye</i>	1 Pet 4:8
<i>Umonde</i>	Yak 5:7-11
<i>Uxolo</i>	Isaya 26:3; Filmon 4:6-7
<i>Ukuzibamba</i>	Tito 2:1-10
<i>Ukuthembeka</i>	Zaf 1:7

Ubulumko
Ukungqina

Zaf 1:7
Jer 1:4-10; Mseb 1:8

IBhayibhile isifundisa malunga nokholo

Biza uYesu Krestu **Roma 10:9-10,13**
Baleka isono **1 Yoh 1:8-9**
Kholelwa kuYesu **Yoh 6:47**
Uthando lukaThixo **Yoh 3:16; Isaya 54:10**
UYesu uMsindisi wethu **Yoh 4:42; 1 Tim 2:3-5**
Yamkela uYesu **Marko 10:15; Yoh 1:12-13**

IBhayibhile isibonisa ukuba siphilela ntoni na

Ukukhonza uThixo **Yosh 24:15**
Sibe njengo Yesu **2 Kor 3:18**
Ukwenza intando kaBawo **Yoh 4:34**
*Ukufuna ubukumkani
bukaThixo* **Mat 6:33**
Ukuzukisa uThixo **Roma 15:5-6**
Ukulufeza ugqatso **Mseb 20:24; 1 Kor 9:24**

IBhayibhile isifundisa indlela yokuphila

Ukonwaba **Filipi 4:4**
Umbulelo **Ndum 136**
Intobeko **Mseb 5:29; Yak 4:17**
Imfezeko **Yak 5:12**
Uloyiso **Roma 12:21**
Ukunyamezela **Yosh 1:6-9; 2 Tim 4:7; Hebh 12:1**
Uvuyo **Ndum 16:11; 1 Tes 5:16**
Inkululeko **Gal 5:10-16**
Inyaniso **Yoh 8:32**
Ukwenza okulungileyo **Yak 1:2-8**

IBhayibhile inika intuthuzelo nokomelela

<i>Ubuhlwempu</i>	2 Kor 8:9
<i>Inkuthazo</i>	Isaya 40:31; Ndum 28:7
<i>Ukudandatheka</i>	1 Kum 19:3-12
<i>Ukufa</i>	Yoh 14:1-14
<i>Ukuphelelwa lithemba</i>	Neh 4:1-23; 6:15-16
<i>Ukudinwa</i>	Isaya 40:29-31
<i>Intuthuzelo</i>	1 Pet 5:7; Ndum 146:8-9; 147:3

Wanga uThixo, “umbhali” wale ncwadi, angakuphakamisa ukuba uqonde kwaye ukholwe ngulo myalezo usuka kuye uza kuwe, ngethuba ugcina engqondweni yakho eli cebo lincinane lisuka kuPawulos lisiya ku:

Yibani ngabantwana kambe kwizinto eziphathelele ebubini, kodwa iingcinga zenu zona mazivuthwe. **1 KwabaseKorinte 14:20b**